URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Gerrit Coetzee**
ICandelo loCwangciso loLwakhiwo lweZikolo
Gerrit.Coetzee@westerncape.gov.za | 021 467 9261

Inombolo yefayili: 6/1/5
Isalathiso: 20230912-7987

ISetyhula: 0027/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo ngeze-*ISLES,* kumaGosa eZithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Imvume yokuba izikolo zingene kwiimvumelwano neKhomishoni yoNyulo eZimeleyo (Independent Electoral Commission (IEC)) yokuba isebenzise izikolo ezimi kwipropathi karhulumente ngethuba lonyulo lukarhulumente kazwelonke nabasemakhaya (national and local government elections)*

**Isihloko: Imvume yokuba i-*IEC* isebenzise izikolo ezikwipropathi karhulumente ngethuba lonyulo lukarhulumente kazwelonke kunye nabasemakhaya (*national and local government elections)***

1. Injongo yale setyhula kukucebisa zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ezimi kwipropathi yezikolo nezikwizakhiwo zikarhulumente ngemisebenzi eyimbophelelo yamabhunga olawulo ngokumalunga necandelo 36 loMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act (SASA)), 1996 (Act 84 of 1996*), ngokukodwa ngokumalunga nokusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo yiKhomishoni yoNyulo eZimeleyo ngethuba lonyulo lukarhulumente kazwelonke kunye nabasemakhaya.

2. Icandelo 36(4)(*a*) le-SASA lichaza ukuba ibhunga lolawulo ngemvume yeLungu leBhunga lesiGqeba soLawulo (*Member of the Executive Council*) linokuthi—

(i) liqeshise, lenze kusetyenziswe, liguqule okanye litshintshe ipropathi engenakushenxiseka yesikolo ukulungiselela imisebenzi yesikolo okanye ukongeza kwingxowa-mali yesi sikolo, yaye
(ii) livumele nawuphi na umntu aqhube nawuphi na umcimbi kwipropathi yesikolo ukongeza kwingxowa-mali yesikolo.

3. ISebe iWCED, ukunika inkxaso idemokhrasi, liyakuvumela ukusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo sikarhulumente yi-*IEC* ngethuba lonyulo lukarhulumente kazwelonke nabasemakhaya, ngokuxhomekeke ekubeni imisebenzi ye-*IEC* iqhubeka ngendlela enozinzo nocwangco yaye akukho zindleko ziya kubakho kwiSebe iWCED okanye kwizikolo zethu ngenxa yoku.
4. I-*IEC* mayithwale uxanduva lokucoca nokuhlanzisa zonke iindawo ezisetyenziswayo phambi kokuba babuyele esikolweni abafundi.

5. Amabhunga olawulo avumelekile ukuba angene kwimvumelwano ne-*IEC* ukwenzela ukusetyenziswa kwezakhiwo zesikolo sikarhulumente ngethuba lonyulo lukarhulumente kazwelonke nabasemakhaya.

6. ISebe iWCED linqwenela zonke izikolo impumelelo kweli phulo, ukuba kunokwenzeka zikuvumele ukusetyenziswa kwezakhiwo zazo ukulungiselela le njongo.

**ISAYINWE:** NGU-D MAYNIER
**UMPHATHISWA WEMFUNDO, ENTSHONA KOLONI**
**UMHLA:** 2023-09-29